




Edition 29
isiXhosa, English

Love your library!

Have you noticed that anyone can walk into a public library and find a wealth of stories and information to enrich their lives? Young or old, rich or poor, employed or unemployed, libraries welcome you. From 16 to 23 March 2013, South African Library Week will celebrate books, reading and libraries. Librarians across the country will host special programmes during this week to highlight the services and resources that are available at their libraries. So, pop in with your children and join in the events on offer.

Here are 10 good reasons to use our libraries.

- Help your children be better readers.** Research published by the National Literacy Trust shows that young people (aged 8 to 16) who use the library are nearly twice as likely to be above-average readers than youngsters who don't.
- Establish the reading habit.** Weekly or fortnightly trips to the library help you and your children make a regular "date" with books and so you all get into the habit of reading – something that your children can enjoy for the rest of their lives!
- Something for everyone.** Libraries offer books for all ages and interests, all under one roof – from board books for babies, to picture books for young children, and novels and information books for older children and adults.
- Reading for free.** We all know that books are expensive and libraries offer a wider variety of reading material than we could ever own – and it is free!
- Who's your favourite?** Libraries are great places to find out who your favourite authors are – and where you can keep discovering new ones too!
- Reading to write.** Reading stories written by others can help inspire children's own story writing.
- More than books.** Many libraries also offer more than just books to educate and entertain you and your children – for example, CDs, DVDs and magazines. Some libraries also have newspapers for you to read while you are there, and computers you can use to access the Internet.
- Enjoy free activities.** Some libraries offer activities especially for children (like regular storytelling times) that let them have fun with books.
- Ask for advice.** Librarians are knowledgeable! Ask them about good and popular books for children, teenagers and yourself.
- Quiet time.** The library is a peaceful place for older children to do their homework. It's quiet and there are plenty of books to help them do research for school projects and assignments.



Thanda ithala leencwadi lakho!

Ukhe waqaphela ukuba nabani angangena kwithala leencwadi loluntu afumane indyebo yamabali nolwazi lokutyebisa ubomi bakhe? Umncinane okanye umdala, usisigwili okanye ulihlwempu, uphangela okanye ungaphangeli, amathala eencwadi ayakwamkela. Ukususela kumhla we-16 ukuya kowama-23 kweyoKwindla kowama-2013, siza kubhiyozela iincwadi, ukufunda kunte namathala eencwadi kwiVeki yamaThala eeNcwadi yaseMzantsi Afrika. Oosothala kulo lonke eli baza kusihlinzeka ngeenkqubo ezikhethekileyo kule veki ukuqaqambisa iinkonzo kunte nezixhobo eziluncedo ezifumanekayo kumathala eencwadi. Ngoko ke, ngena nabantwana bakho nize nizibandakanye nemibhiyozo elungiselelwwe oko.

Nazi izizathu ezili-10 eziphambili zokusebenzisa ithala leencwadi.

- Nceda abantwana bakho babe ngabafundi abangcono.** Uphandonzulu olupapashwe yiNational Literacy Trust lubonisa ukuba abantu abatsha nabancinane (ababudala buyiminyaka isi-8 ukuya kweli-16) abasebenzisa ithala leencwadi bangaba ngabafundi abafunda iincwadi ngcono ngokuphindwe kabini kunabo bangalisebenzisiyo.
- Misela umkhwa wokufunda.** Uhumbo lwarhoqo emva kweveki okanye emva kweveki ezimbini oluya kwithala leencwadi luneda wena kunte nabantwana bakho ukuba nibe "nedinga" elimileyo neencwadi kwaye ninonke ningena kumkhwa wokufunda – nto leyo abantwana bakho bayakuyonwabela ubomi babo bonke.
- Wonke ubani unento yokwenza.** Amathala eencwadi ahlinzeka ngeencwadi kubantu ababudala bahlukileyo nabamidla yahlukileyo, konke ndawonye –

ukusuka kwiincwadi ezizibodi zeentsana ukuya kwiincwadi zemifanekiso zabantwana abancinane kunte neenovelni kwaneencwadi ezinika iinkukacha zabantwana abadalana kunte nabantu abadala.


- Ukufunda simahla.** Sonke siyazi ukuba iincwadi zixabisa kakhulu kwaye amathala eencwadi anikezela ngeendidi zeencwadi zakufunda ezohlukahlukileyo kunesinokuzifumana naphi na – kwaye konke kusimahla!
- Ngubani oyena mbhalu omthandayo?** Amathala eencwadi ziindawo ezimnandi zakufumanisa abona babhalu obathandayo – kwaye kusekwalapho unokufumana nabanye abatsha!
- Ukufunda ukuze ubhale.** Ukufunda amabali abhalwe ngabanye ababhalu kunganceda ukuvuselela abantwana ukuba babhale awabo amabali.
- Fumana ngapezulu kweenewadi.** Kananjalo amathala eencwadi amaninzi anikezela ngapezulu kweenewadi ukufundisa nokonwabiswa wena nabantwana bakho – umzekelo, iiCD, iiDVD kunte neemagazini. Amanye amathala eencwadi anawo namaphephandaba onokuwafunda lo gama uphaya neekhompyutha onokuzisebenzisa ukufikelela kwi-intanethi.
- Yonwabela imidlalwana nemisetyenzana simahla.** Amanye amathala eencwadi anikezela imisetyenzana nemidlalwana ingakumbi eyabantwana (njengamaxesa amiselweyo okubalisa amabali) nethi ibenze bazonwabile iincwadi.
- Cela amacebo.** Oosothala banolwazi! Bacele bakucebise malunga nezona ncwadi zithandwayo zabantwana, lulutsha nabafikisayo kunte nezabangangawe.
- Ixesha kwindawo ethe cwaka.** Ithala leencwadi yindawo enenzolo yabantwana abadalana aphi bathi benze umsebenzi wesikolo ekufuneka bewenze emakhaya. Kuthe cwaka kwaye kukho intaphane yeencwadi ezibanceda benze uphandonzulu ngeeprojekthi nemisebenzi yabo yesikolo.



Drive your imagination

Read to me. Explore a story.

Ndifundele. Masichubelane ngebali.





Story stars

Bringing a library to life

West Rand School in Krugersdorp caters for children aged 3 to 18 years, who have special educational needs. They have recently revamped their library. It now provides the opportunity for the school's children to browse the shelves, borrow books for a week and enjoy listening to their teachers read to them. We spoke to Peggy Landman who volunteered her time to help create and run the new, improved library.

Why did you get involved?

The school had a library, but no funds for a librarian. As a retired teacher of the school, I couldn't bear to see the library doors locked for nearly 10 years! So I got involved.

How did you start?

I began by creating a system in the library that helped the children to easily identify books in different categories – for example, we use green stickers on English books and yellow ones on Afrikaans books.

Where did you get new books?

A lot of the books we had were very old and we needed new ones. We only get R5 000 per year from the school budget for new books. Many of the parents are struggling financially and are unemployed so they can't afford to help us buy books. So, I shopped at bargain book stores where books are cheaper. Also, when I explained to the bookshop managers who the books were for, they gave me discounts.

What kinds of books did you buy?

Books that keep children coming back for more! We try to find different series of books that the children enjoy. We also choose big and colourful books, which are easier for the children to handle and read.

How did you make the library child-friendly?

I have put cushions on the floor and brought the books down to floor level – I even put some books on the floor!

How do you use the Nal'ibali supplements?

We cut them up into the different stories, articles and mini-books and then we laminate these to preserve them. They are read in the library and used in various other classes.

What makes all your hours of hard work worthwhile?

In the first week the library opened, a child asked, "Ma'm, I can't read, but can I come and look at books?"

To nominate an individual, organisation or even yourself as a Story Star, visit www.nalibali.org and complete our online nomination form, or email your nomination to letters@nalibali.org



IimbalaSane zamabali

Ukunika ithala leencwadi ubomi obutsha

Isikolo iWest Rand esiseKrugersdorp sifundisa abantwana abaneemfuno zokufunda ezikhethekileyo abaneminyaka emi-3 ukuya kweli-18. Kutshanje, bavuselele ithala labo leencwadi langathi litsha. Ngoku eli thala libonelela abafundi ngamathuba okujonga-jonga iincwadi esikwiishelufa, baboleke iincwadi zibe kubo ivesi yonke kwaye bayakonwabela ukumamela ootishala babo bebefundela. Sithethe noPeggy Landman olivolontiya elinikezela ngexesa lalo liceda ekusungulweni nakumsebenzi owenziwa kweli thala leencwadi litsha neliphuculiweyo.

Kwakutheni ukuze uzibandakanye?

Isikolo sasinethala leencwadi kodwa singenayo imali yokuhlawula usothona. Njengotishala odla umhlaphantsi owayefundisa kwesi sikolo, andikwazanga ukunyamezela ukubona iingcango zethala leencwadi zitshixiwe phantse iminyaka eli-10! Ndaggiba kwelokuba ndizibandakanye.

Uqale njani?

Ndaqala ngokwenza isikhokelo apha kwithala leencwadi esiza kunceda abantwana bakwazi ukuchonga iincwadi ezizintlobo ngeentlobo – umzekelo, sisebenzisa izitikha eziluhlaza kwiincwadi zesiNgesi size sisebenzise ezityheli kweze-Afrikaans.

Uzifumana phi iincwadi ezintsha?

Uninzi Iweencwadi esasirazo zazindala kakhulu kwaye sasifuna ezintsha. Sifumana ama-R5 000 kuphela ngonyaka kuhlahlo-lwabiwo-mali Iwesikolo. Abazali abaninzi bayasokola ngokwasezimalini kwaye abaphangeli. Ngoko ke, abakwazi ukusincreda sithenge iincwadi. Ngeso sizathu, ndithenga kwiivenkile ezinamaxabiso aphantsi aphi iincwadi zifikelelekayo. Kwaye, xa ndithe ndabachazela abalawuli beevenkile zeencwadi ukuba zezobani na ezi ncwadi, baye bandinike isaphulelo.

Uthenga iindidi zeencwadi ezinjani?

Ezibenza abantwana baquqe bebuyeleta befuna ezinye! Sizama ukufumana izintlu zeencwadi abantwana abazonwabelayo. Sikwakhetha iincwadi ezinkulu nezinemibala-bala, ekulula ukuba abantwana baziphathe kwaye bazifunde.

Ulenze njani ithala leencwadi libamkele ngezandla ezishushu abantwana?

Ndibeke imiqamelo phantsi ndazihlsa neencwadi ndazisondeza zakumanqwanqwa asezantsi– ezinye ndide ndazibeka *emgangathweni*.

Ulusebenzisa njani uhlelo IweNal'ibali?

Siyalusika senze amabali ohlukileyo, amanqaku kune neencwadana ezincinane, size emva koko sizigqume ngeplastiki encamatheleyo ukuze zihlale ixesha elide. Ziyafundwa kwithala leencwadi zize zisetyenziswe nakwiiklasi ezohlukileyo.

Yintoni eyenza zonke iiyure zakho zokusebenza nzima zibe lulutho?

Kwiveki yokuqala ithala leencwadi livulile, omnye umfundu wathi, "Titshalakazi, andikwazi ukufunda, ingaba ndingakwazi ukuza kwithala leencwadi ndibuke iincwadi?"

Ukonyula umntu, umbutto okanye wena buqu njengeMbalasane yamaBali, ndwendwela kule dilesi yomnathazwe www.nalibali.org uze uzalise uxwebhu lwethu lokukhetha ngekhompyutha okanye uthumele igama lalowo umnyulileyo nge-imeyili kule dilesi: letters@nalibali.org



Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

- Take out pages 3 to 6 of this supplement.
- Fold it in half along the black dotted line.
- Fold it in half again.
- Cut along the red dotted lines.
- Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
- Wasonge esiphakathini kumga wamachaphaza amnyama.
- Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
- Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





Get story active!

After you and your children have read *The Little Red Hen* try out some of these ideas.



If you have 10 minutes...

- Read the story with your children again. At the end of page 9, stop and ask, "Why do you think the animals didn't want to help? Would you have helped?" At the end of pages 12 and 13, stop and ask, "Why do you think the animals changed their minds?" Encourage your children to share their opinions.
- Read the story again and invite your children to say the Little Red Hen's words, "Then I'll do it myself", with you each time they appear in the story.

If you have 30 minutes...

- Look at the picture on page 15 together and read the last sentence of the story. Now ask your children to draw a picture of a scene showing what the characters looked like when they had eaten so much that they were very, very full! Suggest that they write a few sentences about the scene. Help younger children do this by writing down the words they tell you.

If you have one hour...

- Read the easy bread recipe below with your children and then have fun making a loaf of bread together – and enjoy eating it!

Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elishihloko sithi *iSikhukukazi esibomvu esinccinane*, zama ezinye zezi ngcinga.

Ukuba unemizuzu eli-10...

- Funda ibali kunya nabantwana bakho kwakhona. Ekupheleni kwepehepa lesi-9, yima ubuze ukuba, "Ucinka ukuba kwakutheni izilwanyana zingafuni kunceda? Wena ukuba ibinguwe ngowawunedile?" Ekupheleni kwepehepa le-12 nele-13, yima ubuze, "Ucinka ukuba kwakutheni ukuze izilwanyana zitshintshe iziqqiba zazo?" Khuthaza abantwana bakho babelane ngezimvo.
- Funda ibali kwakhona uze umeme abantwana bakho balinganise amazwi eSikhukukazi esincinane esibomvu athi, "Ndiza kuzenzela ngokwam", ngalo lonke ixesha evela ebalini.

Ukuba unemizuzu engama-30...

- Jongani nonke umfanekiso okwiphepha le-15 nize nifunde isivakalisi sokugqibela sebali. Ngoku, cela abantwana bazobe umfanekiso obonisa ukuba abalinganiswa babekhangeleka njani emva kokuba betye babhukuxa! Bacebise babhale izivakalisi ezimbala malunga nokwenzekayo kulo mboniso welibali. Nceda abantwana abancinane benze oku ngokuthi ubhale phantsi onke amagama abakuxelela ona.

Ukuba uneiyure...

- Funda iresipi elula yokubhaka isonka engezantsi nabantwana bakho nize nonwabele ukubhaka ilofu yesonka ninonke – nonwabele nokusitya!

Baking bread

You will need:

- 1 dessertspoon of sunflower oil
- 450 ml warm water
- 675 g white or whole-wheat flour
- 2 teaspoons salt
- 17 g yeast
- Loaf baking tin
- Mixing bowl
- Wooden spoon
- Tea towel or other large cloth

What to do:

- Put the flour, salt and yeast into a mixing bowl.
- Add the oil and water.
- Stir everything together with the wooden spoon until you have a soft dough.
- Sprinkle some flour on a table. Knead the dough on the table for about 5 minutes.
- Oil the sides and bottom of the baking tin.
- Put the dough into the baking tin and press it down.
- Cover the baking tin with the tea towel. Leave it on the table for 40 minutes.
- Bake the bread at 220 °C for about 35 minutes. (The loaf is done when it has risen to twice its size and sounds hollow when you tap it.)



Ukubhaka isonka

Uza kudinga:


- 1 icephe le-oli elingangelokuya izimuncumuncu
- 450 ml zamanzi ashushu
- 675 g umgubo wengqolowa omhlopho okanye oneenkozo zengqolowa
- 2 amatsipuni etyuwa
- 17 g igwele
- Ipani lokubhaka elingangelofu
- Isitya sokuxovela
- Iphini
- Itawuli yokugquma itipoti okanye elinye ilaphu elikhulu

Wenza njani:

- Galela umgubo wengqolowa, ityuwa kunye negwele kwisitya sokuxovela.
- Galela i-oli namanzi kulo mxube.
- Zamisa konke ngephini kude kube yintlama ethambileyo.
- Sasaza umgutuya wengqolowa etafileni. Xova, uqengqe intlama phezu kwalo mgutuya kangangemizuzu emi-5.
- Qaba amacala nomphantsi wepani lokubhaka.
- Faka intlama epanini uze uyithobe.
- Gquma ipani getawuli yokugquma itipoti. Yishiye etafileni imizuzu engama-40.
- Bhaka isonka kubushushu obungama-220°C malunga nemizuzu engama-35. (Ilofu yakho yesonka ivuthiwe xa ithe yenyuka kabini kunasekuqaleni kwaye ivakala inesandi ngathi ligubu xa uyibetha-betha kancinane apha ngaphantsi.)

Help Mbali find her way to her storybooks!

Nceda uMbali afumane iincwadi zakhe zamabali!



Story corner

Here is a story from Nigeria for you to read aloud or tell.

The lion and the monkey (Part 1) by Ikeogu Oke

One day Grandpa wanted to teach us a lesson about trust and gratitude, so he told us a story about the lion and the monkey ...

The lion and the monkey lived in a thick jungle. The lion roamed the jungle floor, while the monkey lived in the treetops. One day the lion saw some meat on top of a banana leaf on the jungle floor. "There's a free and easy meal for me," he thought.

The lion moved towards the middle of the banana leaf, but as he sunk his teeth into the meat, the ground gave way beneath him. Together with the meat and the banana leaf, he fell into a deep pit.

"How was the lion to have known that a free meal is not always free; that an easy meal is not always as easy as it seems?" commented Grandpa. "How could the king of the jungle have known that a hunter had dug a deep pit and covered it with the banana leaf, then placed the meat in the middle of the leaf and covered the leaf with sand to disguise it?"

The pit was so narrow that the lion could only stand upright, on his hind legs. He made frantic efforts to climb out of the deep pit, but with each attempt the red soil crumbled under his claws and he sank back to the bottom of the pit. The exhausted lion was still there at dusk when suddenly he saw a tail pass by. The tail belonged to a monkey who had jumped over the pit. The lion called desperately for help.

"What is the royal one doing in such a deep dark place?" asked the monkey looking into the pit.

"I fell in," said the lion in a weak voice. "I have been here all day. Please help me."

The monkey hesitated and started to walk away, but the lion begged him again. Then the monkey said, "I am told that all the animals that ever did you a good turn, never lived to tell the story."

"I know you are too smart to believe lies told by my enemies," said the lion. "Please, please help me."

Find out next week whether the monkey will help the lion.




Illustration by Jiggs Snaddon-Wood
Imifanekiso nguljiggs Snaddon-Wood

In your next Nal'ibali supplement:

- Telling stories
- Find out about World Poetry Day and write a poem
- Mini-book, *The Terrible Graakwa*
- The second part of the read-aloud story, *The lion and the monkey*

Need more resources? Nal'ibali is here to help! Visit the resource section on www.nalibali.org for posters, bookmarks, checklists and tip sheets which are available in six South African languages! You can also find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA

Find us
on Twitter:
[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
Sifumane
kuTwitter:
[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



Indawo yamabali

Nali ibali eliphuma eNigeria onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise.

Ingonyama kuniye nenkawu (Ingxeny 1) ngu-Ikeogu Oke

Ngene imini uTatomkhulu wayefuna ukusifundisa isifundo sokuthembeka nokuba nombulelo, ngoko ke wasibalisela ibali lengonyama nenkawu ...

Ingonyama nenkawu zazihlala kwihlathi elishinyeneyo. Ingonyama yayizula ihlathi lonke phantsi, lo gama inkawu yayihlala phezulu ezincotsheni zemithi. Ngenye imini ingonyama yabona iqatha lenyama libekwe phantsi kwiggabi lomthi webhanana. "Naku ukuya okusimahla nokundizele lula ndingakusebenzelanga," yacinga njalo.

Ingonyama yasondela embindini wegqabi lebhanana, kodwa yathi nje ukuba ilume ngamazinyo ayo, suka umhlaba wavuleka phantsi kwayo. Yatshona kuloo mngxuma unzulu ingonyama neqatha elo lenyama kuniye negqabi lebhanana.

"Yayingayazi njani ingonyama into yokuba ukuya okusimahla akusoloko kusimahla; nokuya okufumaneka lula akufumaneki lula njengokuba kubonakala njalo?" watsho uTatomkhulu. "Wayengakwazi njani ukumkani wasehlathini, ukuba umzingeli womba umngxuma onzulu waza wawugquma ngegqabi lebhanana. Emva koko wabeka inyama esazulwini seqqabi lebhanana waza igqabi waligquma ngentlabathi ukuze umgibe ungabonakali."

Umngxuma wawumxinwa kangangokuba ingonyama yayikwazi ukuma nkqo kuphela, imi ngemilenze yayo yangasemva. Ingonyama yazama ukuphuma kulo mngxuma unzulu, kodwa ngomtsi ngamnye umhlaba obomvu wawudilika udilizwa ziinzipho zayo ize iphinde iyokuwela ezantsi emngxunyeni. Ingonyama ediniweyo yayisahleli apho kuloo mngxuma unzulu ngorhatya ukubona kwayo umsila ugqitha. Loo msila yayingumsila wenkawu eyayiwutsibile yona umngxuma. Ingonyama yakhwaza icela uncedo.

"Kumkani wenza ntoni emngxunyeni onzulu nomnyama kangaka?" yayibusa ngelitshoyo inkawu, ijonge emngxunyeni.

"Ndiwele apha," yatsho ingonyama ngelizwi elibonakalisa ukuphelelwa ngamandla. "Kudala ndilapha okoko kwakusasa. Nceda undisindise"

Inkawu yathandabuza yaze yasuka yahamba, kodwa ingonyama yazinga ngokuyicenga. Yathi inkawu engonyameni, "Kuthiwa zonke izilwanyana ezakhe zakunceda, zange ziphile ukuze zikwazi ukubalisa elo bali."

"Ndiyazi ukuba ukrelekrele ukuba ungakholelwa kubuxoki obuxeelwa ziintshaba zam ngam," yatsho ingonyama, "Nceda undisindise."

Funda kwiveki ezayo ukuba ingaba inkawu iza kuyindedu kusini na ingonyama.

Kuhlelo olulandelayo lwéNal'ibali:

- Ukubalisa amabali
- Funda malunga noSuku lwemiBongo lwéHlabathi uze ubhale owakho umbongo
- Incwadana encinane, iZim eloyikekayo
- Ingxeny 1 yesibini yebali elifundwa ngokuvakalayo elisihloko sithi, Ingonyama kuniye nenkawu.

Ingaba udinga izixhobo nemithombo eluncedo engaphezulu? UNal'ibali uza kukunceda! Ndwendwela icandelo lezixhobo nemithombo kwesi sikhundla somnathazwe www.nalibali.org ufumane iipowusta, izalathisi zokuba uphele phi ukufunda, uluhlu lokuzikhangelu kuniye namaxwebhu eengcebiso afumaneka ngeelwimi ezintandathu zaseMzantsi Afrika! Ungasifumana nakuFacebook kule dilesi: www.facebook.com/nalibaliSA

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your
imagination

Daily Dispatch

The Herald

The Times




We publish what we like

This is an adapted version of *The Little Red Hen*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda indaba yokuqala, *USikhukukazana Obomvu*, eyashicilewa ngabakwa-Jacana Media kanti itholakala ezitolo zamabhuku kanye naku-inthanethiekhelini elithi: www.jacana.co.za. Le ndaba iyatholakala futhi ngesiNgisi, isiXhosa, isiBhunu, iSiswati, isiPedi, isiSotho, isiTswana, isiTsonga, isiVenda nesiNdebele. Abakwa-Jacana bashicilela amabhuku abafundi abasha ngazo zonke izilimi ezesemthethweni zaseNingizimu Afrika. Ukuthola ulwazi ngezihloko ze-Jacana ngena ku: www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories.
For more information, visit www.nalibali.org



INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazeloebanzi, ndwendwela ku-www.nalibali.org



Drive your imagination

The Little Red Hen

ISikhukukazi esiBomvu esiNcinane



Margie Orford
Karen Lilje



Once upon a time, there was a Little Red Hen. She lived alone in a yellow hut at the edge of the vast, open veld. One day, Little Red Hen woke up feeling peckish.

"I'm going to bake bread today," said Little Red Hen to the ants on her windowsill. "Let me make a list of what I need."

Then she tied her doek under her feathery chin, put her basket over one wing and set out into the sunny morning.

Kudala-dala, kwakukho iSikhukukazi
KesiBomvu esiNcinane. Sashlala sodwa
endlwini yaso emthubi eyenziwe ngenga
ekupheleni kwethafa eliphangaleleyo. Ngenye
imini, iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane savuka
siziva silambile.

"Ndiza kubhaka isonka namhlanje," satsho
iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane kwiimbovane
ezazihleli efestileni. "Mandenze uluhlu lwezinto
endiza kuzidinga."

Emva koko sabopha iqhiya yaso ngaphantsi
kweso silevu saso sineentsiba, sagangxa ingobozi
yaso phezu kwelinye lamaphiko aso saze saphuma
ngaloo ntsasa ishushu.



First on her list was flour. She went to a sheep grazing with his friends.

"Morning, Sheep," said Little Red Hen.
"I'm going to bake bread. Could you get me some wheat from the field to make flour?"

"NO, NO, NO," bleated Sheep, turning away.
"NOT I."

"Then I'll do it myself," said Little Red Hen, crestfallen.

Into yokuqala kuluhlu Iwaso yayingumgubo wengqolowa. Saya kwigusha kuqala eyayisitya kune nabahlobo bayo.


"Molo Gusha," satsho iSikhukukazi esiNcinane esiBomvu . "Ndiza kubhaka isonka. Ungandineda undiphathelle ingqolowa entsimini ukuze ndenze umgubo ngayo?"

"HAYI, HAYI, HAYI," yakhala igusha iguquka

ijonga kude.

"HAYI MNA."

"Ndiza kuzenzela ngokwam," satsho iSikhukukazi esiBomvu
esiNcinane,
sidakumbile.



It was a lovely day and Little Red Hen soon cheered up. Next on her list was honey. Striped Honey Badger was digging for honey.

"Pardon me, Honey Badger. I'm going to bake bread and I need some honey. Would you get me a little, please?"

"NO, NO, NO," grunted Honey Badger. "NOT I."

"Then I'll do it myself," said Little Red Hen.

Yayiyimini entle le, nto leyo eyenza
iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane ukuba sixole
kwakamsinyane. Into elandelayo kuluhlu Iwaso
yayibubusi. Ichelesi elinemigca laliphakula ubusi.

"Uxolo Chelesi. Ndiza kubhaka isonka kwaye
ndidinga ubusi. Ungandiphathela intwanana?"

"HAYI, HAYI, HAYI," lagragrama ichelesi.
"HAYI MNA."

"Ndiza kuzenzela ngokwam," satsho
iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane.



The next thing she needed was water, so she went to the dam where a fat, fluffy cat was sunning herself.

"Hello, Cat. I'm going to bake bread. Would you get me some water?"

"OH NO, NO, NO," yawned Cat, flicking her tail.
"NOT I."

"*Then I'll do it myself,*" said Little Red Hen.

Okundelayo kulu hlu lwe sikhukukazi
yayingamanzi, saze ke saya edamini a pho ikati
etyebileyo efukufuku yayigcakamele
khona ilanga.

"Molo, Kati. Ndiza kubhaka isonka.
Ungandiphathela amanzi?"

"OWU HAYI, HAYI, HAYI," yazamla
iKati, idlala ngomsila
wayo. "HAYI MNA."

"Ndiza kuzenzela
ngokwam," satsho
iSikhukukazi isiBomvu
esiNcinane.



Little Red Hen's feathers were ruffled. But she was not the kind of hen who gave up easily, so she went to the hut. A dog was dozing on the kitchen floor.



"Dog," squawked Little Red Hen.
"What?" growled Dog.

"I'm going to bake bread," said Little Red Hen.
"Will you please get me a pinch of salt to make my bread tasty and some yeast to make it rise?"

"NOT I," said Dog and went back to sleep.
"*Then I'll do it myself,*" said Little Red Hen.

lintsiba zeSikhukukazi esiBomvu esiNcinane
zazidlakadlaka. Kodwa esi sikhukukazi yayingelohlobo
lwe sikhukukazi esincama lula. Ngoko ke saya endlwini
apho injia yayizozelela emgangathweni wasekhitshini.

"Nja," sakhalo iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane.
"Yintoni?" wavungama uNja.

"Ndiza kubhaka isonka," satsho iSikhukukazi
esiBomvu esiNcinane. "Ungandineda undiphathelle
intwana yetyuwa ukwenza isonka sam sibenencasa,
negwele ukwenza intlama inyuke?"

"HAYI MNA," watsho uNja wabuya walala.

"Ndiza kuzenzela ngokwam," satsho iSikhukukazi
esiBomvu esiNcinane.

Little Red Hen was fed up. She marched bravely over to the kraal where a cow stood chewing the cud.

"Good morning, Cow," said Little Red Hen.
"May I have some milk to make a little butter for my bread?"

"What bread, you silly Little Red Hen?" asked Cow rudely. "MOO. NOT I."

"Then I'll do it myself," said Little Red Hen and she ran all the way home. She sat down alone on her front step. "It's no fun baking bread for one," said Little Red Hen, sadly.



iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane sasikruqukile. Sahamba ngokukhaliphileyo ukuya ebuhlanti apho kwakukho inkomo emileyo isetyisa.

"Molo, Nkomo," satsho iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane. "Ndingalufumana ubisi ukwenza ibhotolo yesonka sam?"

"Isonka esitheni, gezandini leSikhukukazi esiBomvu esiNcinane?" yabuza krwada inkomo. "Mhu-u-u. HAYI MNA."

"Ndiza kuzenzela ngokwam," satsho iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane. iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane sabaleka sada saya kufika ekhaya. Sahlala phantsi sodwa esitupini esingaphambili. "Akukho mnandi ukuzibhakela isonka," satsho silusizi iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane.



Little Red Hen felt a *tap tap tap* on her yellow foot.

"Excuse me, Little Red Hen," said a small voice. "We'll help you."

"That is very kind of you," said Little Red Hen, tucking her wings into place.

"But you're all too small."

"We're not too small," said the ants.

"We milled the flour."

"We're not too small," said the bees.

"We collected the honey."

"We're not too small," said the birds.


"We scooped up the water"

"We're not too small," said the tiny kitchen spiders. "We helped with the salt and yeast."

Little Red Hen clapped her wings together.

"Then we'd better get to work."

They mixed and kneaded and rolled the dough, and then they put it in the oven to bake.



ISikhukukazi esiBomvu esiNcinane seva into esikrwecayo kwelo nqina laso limthubi.

"Uxolo, Sikhukukazi esiBomvu esiNcinane," latsho ilizwi elisezantsi. "Thina siza kukuncedisa."

"Kwakuhle oko," satsho iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane, silungisa amaphiko aso kakuhle. "Kodwa ke nonke nibancinci kakhulu."

"Asikho bencinci kakhulu," zatsho iimbovane. "Sisile umgubo wengqolowa."

"Asikho bencinci kakhulu," zatsho iinyosi. "Siqokelele ubusi."

"Asikho bencinci kakhulu," zatsho iintaka. "Sikukhelele amanzi."

"Asikho bencinci kakhulu," zatsho izigcawu ezincinci zasekhitshini. "Sikuncedile ngetyuwa negwele."

ISikhukukazi esiBomvu esiNcinane saqhawa iimpiko zaso. "Kulungile ke, masiqaliseni ukusebenza."

Baxuba, baxova, baphethula intlama, baza bayibhaka esitovini.





They all sat on the front step in the sun to rest. Then out of the oven stole something that no one in the world can resist ... the smell of bread baking.

The Little Red Hen took the loaf out of the oven and tapped it. It made a hollow sound – exactly the sound a perfectly baked loaf of bread should make.

Suddenly Little Red Hen looked up. There at her door were Sheep, Honey Badger, Cat, Dog and Cow.

"Well ..." said Cow, blushing. "We smelled the bread ..."

"... and we couldn't resist," said Sheep.

"So we came to say ..." said Honey Badger.

"... that we are very, very ..." said Cat.

"... sorry..." said Dog.

"... that we didn't help you," they all said together.

Little Red Hen looked at their very sorry faces.

Bahlala phantsi baphumla esitupini begcakamele ilanga. Ngelo xesha, ivumba elaliphuma kweso sitovu, livumba elalingenako ukuphoseka nakubani na... elo yayilivumba lesonka esibhakwayo.

ISikhukukazi esiBomvu esiNcinane sakhupha ilofu yesonka esitovini sayiphatha-phatha. Yenza isandi esiholo-holo – yenza kanye isandi esibonisa ukuba ngenene sisonka esibhakiwego esivuthiwego.

ISikhukukazi esiBomvu esiNcinane saphakamisa intloko yaso ngephanyazo. Emnyango sabona iGusha, iChelesi, iKati, iNja kwakunye neNkomo.

"Ee ..." yatsho iNkomo ineentloni. "Sive ivumba lesonka ..."

"... asakwazi ukuzibamba." yatsho iGusha.


"Sithe masize sizokuthi ..." latsho iChelesi.

"... uxolo, ..." yatsho iKati.

"... kakhulu ..." yatsho iNja.

"... ngokungakuncedisi," batsho bonke ngaxeshanye.

ISikhukukazi esiBomvu esiNcinane sajonga iimbuso zabo ezilusizi.



"We brought butter, honey, a little bit of chocolate and some fresh milk," they said.

"Who will help me next time?" asked Little Red Hen, with her wings on her hips.

"I will!" each of them shouted.



"Size nebhotolo, ubusi, intwana yetshokolethi kunye nobisi," zatsho zizicengezelela.

"Ngubani oza kundincedisa kwilixa elizayo?"
sabuza iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane,
iimpiko zisesinqeni.

"Ndim!" yaba seso siziphendulela.

And so Little Red Hen, who had a very soft heart and who loved a party, said kindly, "Then you are most welcome."

All the animals sat around the kitchen table. Little Red Hen cut the bread, and everyone ate until they could eat no more.

Ngoko ke iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane, esasinobubele nosizi nesasiluthanda ulonwabo, sathi ngobubele, "Ngoko ke nonke namkelekile."

Zonke izilwanyana zahlala zangqonga itafie ekhitshini. iSikhukukazi esiBomvu esiNcinane sasika isonka, baze batya bonke bade bahlutha babhukuxa.

